# Emva konyaka ulewe abasebe

## ooNgxowankulu nab bayazilungiselela nge




Umbali ngu: Liv Shange

Ngo August 16, 2012 eMarikana kwathi kwabonakala kubonakala umbalo oxananazileyo ozele ligazi, kupolotiko lo-Mzantsi Afrika xa amaPolisa athi abulala abasebenzi abangamashumi amathathu anesine (34), baze bonzakalisa abangamashumi asixhenxe anesibhozo (78). Kwimizuzu esetyenzisweyo kumabonakude kuvezwa esisiganeko, loo nto yadala ukuvela kwezimvo ekudala zikhona malunga ne-ANC kunye nooNgxawankulu. Ubhenolo luka Rhulumente kweyona nto engungqondo-gwirha yokuchasa ukuqhanqalaza kwabasebenzi eLonmin, lwathi lwadala isahluko esitsha sokubonisa ngokuphandle ngokunyhasha izinto ezenziwa ngu-Rhulumente ophetheyo woMzantsi-Afrika.

Emva konyaka kwenzekile oku, isantya sokungahoyi amalungelo abasebenzi kunye nemsebenzi abawenzayo ngabaphathi sibe kwizinga eliphezulu. Ngenxa yesifundo saseMarikana esithe sabhaleka ezingqondweni zezigidi ngezigidi zabasebenzi nolutsha, ubono othe wawveza uye wagxila kwiindawo zokusebenza zasemigodini.

### ISIKHUMBUZO NGEMARIKANA

Impalalo-gazi elenzeka ngomhla we 16 August 2012, yinto eyacetywa ngobuqhophololo ngenjongo zokulwa nomceli mngeni wabasebenzi injongo yabasebenzi ikukunyhasha amanyundululu oongxowankulu no-Rhulumente ophetheyo. Ngenxa yokucatshukiswa lixesha lengcinezelo, abasebenzi abangamawaka-waka bahlanganisana ndulwini ethile apho, nasentabeni, ngaphandle kwe-Marikana apho bathi bafakwa kumgibe wocingo oluhlabayo, bahlaselwa ngasemva naphezulu ngeenqwelo ntaka kusetyenziswa iziqhushumbisi zamanzi nangemipu engomatshini. Basukeliswa baze babalekela kwindawo evulekileyo elucingweni engangomlinganiselo weemitha ezintlanu kuphela, befotwa zii-Camera zika-Mabonakude. Igquba lokuqala ladutyulwa lonke. Isininzi sabo babulawayo nabo bangxwelerhekayo sahlaselwa ngokungena lusini, kungekho zi-khamera, bephakathi kwamatye amakhulu, kwizihlahla kunye nankwindulwana ekhoyo apho. Unintsi lwabo lwadutyulwa bengekho kude nabo babedubula, bedutyulwa ngasemva kubonakalisa ukuba babebaleka, abanye bedutyulwa bexhome izandla phezulu ngelibonakalisa ukweyiswa benikezela. Ama-Polisa enza ngabom ngokumosha ubuso babo babesebefe kade bekwenza oku ngokubunyathela ubuso ngeenqwelo ezinkulu ezixhotyisiweyo.

Ingakhange iqingqwe ngononophelo njalo, mhlawumbi, yathi yaba luphando lwama-polisa ngesehlo eso, phando olo lwafunyaniswa kuligumgedle nje olwaluneenjongo zokukhusela ama-Polisa abandakanyekayo.

Ibali elililo ngemaRikana lathi lavezwa esidlangalaleni ngabasebenzi baseLonmin ngokuqhubeka kwabo ngedabi emva kolubulawo noqhanqalazo olwathi lwalandela kwiindawo zemigodi ngokubanzi. Kwintsuku nje phambi nasemva kolubulawo, uluntu ngokubanzi lwaxokiselwa ngezinto ezingezizo ezathethekayo kuchaswa isenzo sabasebenzi base Lonmin kunye nedabi labo. Abasebenzi abathi babekelwa bucala ngokungcatshwa yi-National Union of Mineworkers (NUM), bathi ngenxa yokungabi nenye indlela abanokwenza ngayo, bagqiba ekulithabatheleni kubo idabi lokulwela imivuzo ephucukileyo, kwaye ke ngalonto bazibona sebephantsi kocinezelo olumandla kwaye batsholwa ngokwahlukileyo njengezikrelemnqa nanje ngababulali, izisebenzisi mayeza okanye amaxhoba asetyenziswa ngumbutho wogrogriso i-"Third Force" ngolwasemzini. U-Jeremy Cronin we-South African "Communist" Party (SACP) wathi wagxekwa kakhulu ngokudandalazisa ngokutshola abaqhanqalazi njengezi-Krelemnqa ezingafuni nguquko zase Mampondweni. Kwelinye icala uRhulumente namahlakani akhe beqhubekeka ngokugxininisa ukuyeka kwama-Polisa ukuzikhusela kwikhomishina ka Farlam. Oku kubonisa mhlophe ukungabinanyani kweli tyala kusukela xa kwisizwe sonke, ukungabi nanyani kwaguqulwa lidabi labasebenzi.

Impalalo gazi kwidabi labasebenzi ngokubanzi, idabi labasebenzi base-Migodini ngokupheleleyo aliqalanga e-Marikana. Kwiivekana ezimbini ezasezidlule, ngomhla wokuqala (1st ) ku August 2012 umzekelo, abasebenzi ababeqhanqalaza badutyulwa bafa bedutyulwa ngamaPolisa e Aquarius K5 shaft kude kufuphi ne Rustenburg. Ababulali zange bafune kudandalaziswe oku. Ukudandalaziswa kwezixholoxholo kwabonakaliswa phandle ngesiganeko sabasebenzi baseMarikana, nto leyo yaxhalabisa uMzantsi Afrika nomhlaba jikelele. Oku yaba kukusabela okuqingqiweyo ukuya kumcelimngeni wokusekwa kwempatho ye African National Congress' (ANC's)- ukuvukelwa kwe NUM ngabasebenzi basemigodini, nto leyo eyathi oko oko kwakhululekwa eMzantsi Afrika yaba yinto eyabekwa phambili ukulawula abasebenzi migodini kwakunye neendawo zaseziMayini, owona ndoqo kubutyebi bomzantsi Afrika. Ngokweza njalo yathi yonke lento yaba yeyona nto I- CONGRESS OF SOUTH AFRICAN TRADE UNION (COSATU) nomfela dawonye weANC abame ngayo.

Uloyiko alujoliswanga kulawulo lweNUM kuphela, koko nakukhono lwe- ANC ukuqinisekisa ukuthenjwa kwabo ngoongxowa nkulu ekulawuleni abasebenzi abamnyama (nanjengoba sisanda kuchazelwa liphephandaba i-Business Day apho liye laluncedo ekuchazeni isizathu sobukho be-ANC).U-Cyril Ramaphosa ongumxhamli e-Lonmin nosoloko esithi kufuneka kuqinisekiswe amandla kaRhulumente ngokusetyenziswa kweRhuluwa kubulawa abo bangahambisaniyo nale ntetha.

### LO URHULUMENTE AYINGUYE OWETHU

Inzame zoku sengela phantsi istrike esasikhokhelwe ngabasebenzi ngokuthi babulale abasebenzi lonto yabanakalisa elubala kwizigidi ngezigidi ukuba urhulumente nombutho we ANC ukuba uyintoni na. Sinye ke isifundo esingasifundayo kwi MARXISM – sesokuba nawuphina umbuso osekelwe kubungxowa nkulu ume "ngamadoda nabafazi abaxhobile ukukhusela ongxowankulu, noxa kwelinye icala exhomekeke nakwi bhunga elifana nePalamente ekuqinisekiseni ekunike ithemba elingekhoyo kumbuso wabo" futhi baqinisekisa ngokuthi imibutho yabasebenzi (unions) nemibutho yezo polotiko kwakunye namaphepha ndaba nomabona kude bapapasha izinto ngonga indlela ezenzeka ngayo kufanelekile. Isiganeko sase Marikana siyipeculule sayikhuphela elubala ukuba Urhulumente we ANC uphilela okanye ukho ukukhusela ongxowankulu nemfuno zabo, ngapha koko u NUM usisixhobo esisetyenziselwa ukuqinisekisa ukuba imfuno zongxowa zikhuselekile kwi candelo lezimbiwa inkundla, amapolisa ndawonye namaphepha ndaba nomabona kude basetyenziswa njengonogada abancinci ekuqinisekiseni ukuba izinto zihamba ngohlobo abafuna ngalo oongxowankulu.

Emveni kwako konke oku selesikuchazile abasebenzi bakhangele indlela yokuzimela bengasebenzi. Abasebenzi Becandelo lezimbiwa baye bazimisela ikomoti ezizezabo usukela eRustenberg Platinum yanwenwa kuzo zonke indawo zezimbiwa kwe lo Mzantsi Afrika ngoku khawulezileyo abasebenzi bezeke emzekweni wabasebenzi base Marikana. Kusukela ngoko ishop steward ze NUM zaye zakhutshwa ngabasebenzi kwinkantolo ezo zimiselwe abasebenzi kwindawo zokusebenza ezafunyaniswa ukuba zirhola imali ephindaphindwe kalishumi kunaleyo yamkelwa ngabasebenzi aba babameleyo nto leyo yaye yanyanzelisa ukuba abaqeshi kwakunye no rhulumente bazamkele ikomiti ezizimeleyo ezonyulwe ngabasebenzi ukuba ziba mele kwi ngxoxo. Ke ezingqondweni zabasebenzi kwakulungile kuba injongo yayikuku khupha bonke abo bamele ongxowa kwi ofisini zemibutho yabasebenzi bafake ulawulo lwabasebenzi. Kuthe kwakubonakala ukuba abasebenzi bayongezeleleka amandla okulwa, okwakha kwakhula umbono wokwakha umbutho omtsha wabasebenzi wezepolotiko, ozakumela imfuno zabantu abahluphekayo uphikise lo umele ongxowa nkulu we ANC nayo yonke imibutho ekhoyo ngoku eP-alamente. Ekwakhiwe kwe komiti zabucala zabasebenzi zayi komiti ka zwelonke ngo October 2012, nase kusekweni kwe workers and Socialist Party (WASP) ngo December 2012 isukela kuzo zonke ezizinto sizichzileyo.

### AMADABI AMATSHA KWI CANDELO LEZIMBIWA



Marikana ibhalise ngokutsha incubeko yokuqonda izinto kwabasebenzi bomzantsi afrika nto leyo ekhokhelele ekubeni abasebenzi ngendlela ngendlela kwi ndawo zokusebenza, Kwi ndawo abahlala kuzo umhla nezolo. Lemilo iqhubekekayo ibonakalisa elubala ukuthi izinto azikwazi ukuba ziqhubekeke ngokohlobo ebezisenzeka ngayo minyaka le, yinto leyo abasebenzi kwakunye nongxowa abayibonayo. Impixhwano ekhoyo eMzantsi Afrika kwezonomtho iza kunikwa ingqwalasela emandla kwezizimbiwa, kwelinye icala imali engange R15bn abathi ongxowa ibeyilaahleko ngenxa yesitelaka sabasebenzi kule nyaka uphelileyo ngo August 2012 ayisosizathu sokuba befuna ukudenda amawaka abasebenzi. Esona sizathu sesokuba izinga lomnotho kwi hlabathi lihlile futhi namaxabiso egolide, Platinum ehle kakhulu ekwa tyiwa nakukuthi bawafaka kwingeniso kakhulu. Eyona njongo yabo kukuthi banciphise izimbiwa ezinje nge-Platinum ne-Golide ukwenzela ukuqinisekisa ingeniso nokuthi bafuna ukuthoba amandla abasenzi okulwana nongxowankulu.

Kwangaphambi kwe Marikana, izindlu zezimbiwa zazama ukuvala ezinye ishaft bezama ukuvavanya amandla abasebenzi kwi ngingqi yase Rustenberg. Ngokunyanzeliswa bayebarhoxa babuya nenye indlela yokununeza abasebenzi ngokuthi bakhuphe abasebenzi abangamawaka amathandathu (6000) e Hormony Gold kwi shaft yase Kusasalethu e Caltonville ngomhla we wokuqala ku January 2013. Amplats eyiyeyona evelisa platinum kakhulu ehlabathi liphela,

# a omnye beb-
# enzi e-Marikana

## asebenzi e-Marikana
## siganeko esingekehli.




yalandela emveni kwe veki ezimbini ngokuthi ibhengeze elubala ukuba iceba ukuvala ishaft ezine (4) phantsi kwe themba lokuba zingabuya zivule emveni kwexeshana kwi ngingqi yase Rustenberg ntoleyo yayizakuthi ikholele ekubeni kokuba abasebenzi abangawaka alishumi elinesine balahlekelweni ngumsebenzi ngokuvalwa nje kwe shaft enye (1). Kwakhona umanyano labasebenzi no xinizelelo elithe lwavela eburhulumenteni kuyekwabangela ukuthi inani lehle luyokuma ukumawaka amathandathu (6000) ngoku. Logama AMCU exoxa ekunciphisweni okanye ekurhoxisweni kodendo lwabasebenzi, ongxowankulu bona baceba ukuthi ingxoxo zigqitywe apha kwisigaba sesibini sonyaka. Anglo Gold Ashanti ipapasha ukuba iceba ukwehlisa imveliso yayo ngamakhulu amathathu amawaka (300 000) kwi mveliso yabo eyi engamakhulu alithoba amawaka anamashumi amabini ( 920 000) kumkhiqizo wabo wonyaka abawenzayo – kunyaka nje omnye, konke oku kujoliswe kuMzantsi Afrika.

Kufanayo ne-Amplats, i-Glencore Xstrata ngumzekelo osetyenziswayo ngabo baphetheyo. Nabo bayayazi into inyaniso yabasebenzi ethi intlungu yomntu omnye yintlungu yawo wonke umntu. Kuwo wonke umnyaka ka2013, uqhanqalazo olungakhange lube mandla obelukhokelwa ngabasebenzi luye lwaqhubeka kwiindawo zonke zokusebenza zemigodi kweli. Kwi Mayini yase-Glencore-Xtrata's Eastern Chrome ekwindawo ebizwa ngokuba yi-Tubase kwiphondo lase-Limpompo, abasebenzi ababengamawaka amabini (2000) bathi baqhanqalaza ngenyanga ka-May ngelokucasana nomkhwa we Nkampani wokukhusela umsebenzi ophetheyo omhlophe owahlukumeza umsebenzi omnyama ngobuhlanga. Inkampani yakhawuleza yagqiba kwelithi uqhanqalazo olo maluthathwe ngolungekho mthethweni, lonto yakhokelela ekugxothweni kwabasebenzi abangamawaka amabini (2000). Bexhaswa ngabaphathi ziMayini balapha eMzantsi Africa kunye nabakhi mkhanyo bamanye amazwe, abaphathi base-Glencore Xtrata bazibona bengafuni kugoba phondo ukuvumelana nesikhalazo esilwelwa ngabasebenzi sokuba abo bagxothiweyo babuyiselwe emsebenzini, oku bekwenza ngenxhaso abayifumana kwi- Workers and Socialist Party (WASP) kunye ne-Democratic Socialist Movement (DSM). Abaphicothi zindaba boongxowa-nkulu bathetha ngokuphulukana komsebenzi ngomlinganiselo wemisebenzi ebalelwa kumakhulu amabini amawaka (200 000) okunokwenzeka kwisithuba seminyaka emithathu okanye emihlanu ezayo. Kwaxesha linye, ukwehla kwe-Rand, ukwehla kokukhula kwe-GDP, ukwehla kwedlela ezisetyenziswayo zokufumana i-Rafu kaRhulumente nokunyuka kwezinga lokuthenga, ukungabikho kwemisebenzi netyala u-Rhulumente ajongene nalo, kwenza ezoqoqosho zibe kwimeko engaginyis'imathe kwaphela nto leyo eyenze koyike abaphichothi abahambisana noo-Ngxowankulu besithi oku kungabanga kubekho ukungahambi ngendlela eyiyo kweli lizwe.



### UXOLO OLUNGENABULUNGISA

Ukongeza nje kuhlaselo olwenzekayo kwimisebenzi yase-Migodini, abaphetheyo basabela ngokubuyisela umva inkqubo yezengxoxo ezimanyeneyo kwanokuyeka ingcinezelo abathi babhenela kuyo e-Mrikana. Ukulandela kokutyikitywa kwezivumelwano zenqubo yoxolo eziliqela, ebeziphantsi kwemiba eyahlukileyo, kuye kwenziwa emva kwenyhikitsha yokufa e-Marikana. Esandul'ubakho yindlela yesivumelwano sokomeleza iindawo zasemigodini, esenziwe ngothethwano phakathi kuka-Rhulumente, iindawo zemigodi kunye nemibutho yabasebenzi ebeyikhokelwe ngu-Sekela-Mongameli uKgalema Motlanthe (nowayesakuba nguNobhala omkhulu we-NUM). Esisivumelwano singenagqibelekanga sinezithembiso ezingacacanga ngokuphuhlisa izinga lokuphila ngendlela eyiyo kwabo bahlala ezimayini nangokuza nesiqinisekiso esiso sokunyanzelisa umthetho nolawulo, umzekelo ngokwenza kubekho izikhululo zamaPolisa zesigxina nezinye izigcini-cwangco kuzo zonke iindawo zokusebenza ezimayini. Abasebenzi kunye nemibutho yabasebenzi bazakuba noxanduva lokugcina "ucwangco noxolo" xa kwelinye icala abaphathi beemayini belungiselela imfazwe. Xesheni linye, izigrogriso nobulawo lweenkokheli ezizibandakanye ne-AMCU ziqhubeka, ixesha elininzi ikukuziphindezela ngendlela yokuphalaza igazi.

Lento eyenziweyo yinxalenye yenzame zo-Rhulumente we-ANC ukuqinisekisa oongxowa-nkulu bee-mayini nabaphathi bezoqoqosho ngokubanzi ukubana isenokwazi ukwenza isimo sibuyele kundalashe emva kwesehlo sase-Marikana. Ayibanga nakwenzeka ngangoziukuba iqulunqwe kanye xa kuqala iingxoxo zemivuzo kwiimayini ze-Golide ne-Platinum zimayini ezo kuzezona zineziganeko ezingentlanga kusukela kwiminyaka emininzi eyadlulayo, umzekelo xa kuthelekiswa iimfuno zonyuso-mivuzo ngabasebenzi ze-120% nonikezelo lonyuso-mivuzo ngabaqeshi le-5% kuphela kwi-mayini yeGolide- nakuqalo lokudendwa kwabasebenzi abaninzi. Ukuhlaselwa kwe-Democratic Socialist Movement (DSM), nelinge lokutshola ilungu le DSM elingu-Liv Shange ngento ebizwa ngokuthi lugwinto ezi-mayini noku gxothwa kwakhe e-Mzantsi Afrika, kuye kwayinxalenye yeemigudu ukuthathela phantsi ikhono lokuzilwela kwabasebenzi basezi-Mayini

Nangaphandleni kwemizamo ye-ANC , imilo yayo yangaphakathi kwi-ANC bubungqina bokuba abo bakhusela i-ANC basalindele ukuqinisekiswa ukubana iziphathi mandla ziyaqhubeka nokulawula ezoqoqosho eMzantsi-Afrika. Ngaxeshanye icala lika-Zuma libonakala lisemandleni okwangoku, ukungakhathali kwalo lixela ukubaqwalasela abanye, umzekelo ngaku Sekelamongameli we ANC uCyril Ramaphosa, lonto ithetha ukuya kuphelelwa kwabo lixesha. Eyenzekayo ngoku into, abaphathi bezoqoqosho bahamba befuna abangabasebenzisa xa kunokuthi kwenzeka nantoni na ngezopolitiko ngakwi-ANC. Ukuqulunqwa kombutho omtsha obizwa ngokuba yi-Agang-SA, mbutho lowo okhokelwa nguMphathi omkhulu weeMayini kunye nokwanguMlawuli we-Banki Yomhlaba u-Mamphela Ramphele, yenye into ooNgxowankulu abalawula ezoqoqosho abanokubhenela kuyo xa i-ANC inokwahlulwa ngulombutho oyi-Agang-SA. Iqela lasekunene labamhlophe elinobuhlanga limanxadanxada lizama ukugwinya eminye imibuthwana ngenjongo zokuqulunqa iqela elikhulu elizakwazi ukumelana ne-ANC. Umongameli we-ANC Youth League u-Julius Malema ungumphathi ophambili weqela elizibiza njenge Economic Freedom Fighters ngethemba lokuma ngokuhlasela okukwenzekayo ngokubonisa ukomelela kwezinto azithethayo nokubonisa ukuzithemba kwakhe esebenzisa lombutho wakhe omtsha. I-ANC ilindeleke ukuba iphulukane nabavoti bayo abaninzi kunyulo oluzayo lePalamente yesizwe neyamaphondo.

Unyaka emva kweMarikana, imo eyathi yahlokomisa uMzantsi ngendlela eyothusayo, abasebenzi baseMzantsi Afrika basandul'ukuqala nje ukuzimela bengekho phantsi kwemfelandawonye othile. I-AMCU, engumbutho wabasebenzi ethe yona yathatha abasebenzi base Rustenburg Platinum Belt ibathatha ngesininzi sabo kwi NUM nayo enamalungu kwii-Mayini ze-golide, xa kwakuqalisa uqhanqalazo, nayo ifuna ukubonisa impumelelo yayo kuvavanyo oluseluqalile ngogxotho nodendo lwabasebenzi. Ukuzothi ga ngoku, ukunqongophala lokuphindezela kungunobangela wokuxhalaba. I-COSATU, umfelandawonye weemanyano yemibutho yabasebenzi apho kuyo i-NUM ililungu khona, ibonakala ingakwazi ukuphindela kwimeko ibikuyo kuqalo malunga nobudlelwane ibinabo nabaphathi base-Marikana. Nanje ngokuba abaphathi be-COSATU bathe bayigxeka into eyenzekayo eMarikana yokufa kwabasebenzi, baze bakugqiba bazibophelela ekuxhaseni ukunyulwa isandlo sesibini sabalawuli be-ANC, lo-"mfelandawonye" awukhange ubonakalise ukuzibophelela ekugayeni ngeenjongo zokubuyisela amalungu eNUM kwi-NUM. Basuke bazixakekisa ngokulwa bodwa veki-naveki.

Lixesha apho abasebenzi, abangaphangeliyo, ulutsha nabafundi kufuneka baqale babenento abayenzayo ngesifundo abasifumeneyo nge-Marikana.-kuba akusekho mbutho onamandla abasebenzi abangazibandakanya nawo ngendlela eluqilima. Izwilabasebenzi/ i-Democratic Socialist Movement yenza iphulo lokuba kubekho i-Komiti ye-Sizwe sabasebenzi basezi-Mayini, ukwenzela isebenzele ukuza nomlo ophindezelayo oqilima kuzo ii-Mayini nakwimibutho yabasebenzi, ngenjongo yokunqanda udendo lwesinintsi sabasebenzi kwaye kulwelwe imivuzo kunye nemisebenzi engcono. Sikwahlaba ikhwelo lokuba kubekho usuku apho kuyakubakho iintshukumo ezenziwayo ekugatyeni ukupheliswa kwemisebenzi yabo basebenzayo, ukuzisa ulawulo lwezemiGodi, iibhanki kunye neeNkampani ezinkulu zibe phantsi kolawulo lwentando lwesininzi ze kulawule abasebenzi kunye nabemi boMzantsi-Afrika, sisenzela kubekho imisebenzi nemo yempilo entle efana nokufumaneka kwezindlu kunye nemfundo kumntu wonke. Izwilabasebenzi/ iphulo le-DSM lokubizisa umanyano lwabo bonke abasebenzi baqulunqe indlela yokuba kumanyanwe ekwakheni umbutho okhoyo wabasebenzi wama Soshiyali oyi-Workers and Socialist Party. Intlonipho esinokuyinika amaQabane awayo e-Marikana kukuza nesikrweqe sezopolitiko ukuze sikwazi ukweyisa ngaso ababulali abo. Lowo ke ngumbutho wesininzi sabasebenzi oxhotyiswe ngezimvo zobu-Soshiyali.